

Story Power

Isikhokelo seeklabhu
zokufunda



valiba



Siyanamkela!

KuMzantsi Afrika jikelele, abantu baqalisa iiklabhu zokufunda ukuze kukhuthazwe abantu abatsha ukuba bafunde! Ezinye zezi klabhu sele kuyiminyaka ziqhuba, lo gama ezinye kuzo zisaqalayo – kodwa inye jwi into ezifana ngayo, kukuba xa zizonke zosulelwe ngulo mkhuhlane wamabali kwaye azifuni kohlukana tu nawo!

Ingaba wena ucinga ngokuqala iiklabhu yokufunda? Okanye ingaba sele unayo ekhoyo koko ngoku ufuna nje iingcebiso namaqhinga athile okuyiqhuba? Ngoko ke esi sikhokelo seStory Power yinto efanele wena ngqo! Apha kuso ungafumanisa ukuba yintoni na kanye iiklabhu yokufunda, indlela eqalwa ngayo iiklabhu yokufunda kwakunye nendlela onokuyigcina ngayo iqhuba ukuze abantwana baquqe bebuyelela kule klabhu yakho.

Ubusazi ukuba iiklabhu yakho ingayinxalenye yesixokelelwano seeklabhu zokufunda zikaNal'ibali? Bhalisa iiklabhu yakho ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.

Asiziva yimihlali kuba uthe wasijoyina ekufundeleni rhoqo abantwana!

Okungaphakathi kwesi sikhokelo

Yintoni kanye iiklabhu yokufunda?	3
Indlela yokuqalisa iiklabhu yokufunda	4
Into ekufuneka uyenzile kwiklabhu yokufunda	5
Indlela yokufumana imithombo yokufunda	6
Ukuyokozelisa indawo enikuyo ngokuprintiweyo	7

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokuphinda uwusebenzise kwaye/ okanye uwusasaze lo msebenzi, qhagamshelana nabakwaNal'ibali:

The Nal'ibali Trust
Suite 17–201, Building 17
Waverley Business Park, Wyecroft Road
Mowbray, 7700
Umnxeba: (021) 448 6000
I-imeyile: info@nalibali.org

Ligela lakwaNal'ibali

QAPHELA: Esi sikhokelo siyafumaneka ngazo zolishumi elinanye iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika. Lindela ezinye izikhokelo ezikuthotho lweStory Power! Zikhangele ezi zikhokelo ku-www.nalibali.org.



Ukubundukunywa kwengqikelelo kunye nolawulo lwale projekthi: Project for the Study of Alternative Education in South Africa (i-PRAESA)

Oguqulele esiXhoseni: Nobuntu Stengile

Ukuzotywa kwemifanekiso yabalinganiswa bakwaNal'ibali: Rico

Odizayinileyo: Magenta Media

Ukuveliswa nokudidiyelwa kobuncwadi: Baseline Publishing Services

Yintoni kanye iklabhu yokufunda?



Abantu baqalisa iiklabhu zokufunda kuba besazi indlela ekubaluleke ngayo ukubalisa amabali, ukufunda kunye nokubhala ebomini bethu. Bafuna ukunika abantwana amathuba angapheliyo okonwabela ukufunda, ukubhala kunye nokuphulaphula amabali. Bazi mhlophe ukuba xa bathe abantwana bafumana amava okonwabela amabali kunye neencwadi ngokuthe gqolo, uthando lwabo lokufunda luza kukhula kwaye oko kuya kubenza ukuba babengabafundi abangcono. Ngoku, yintoni ke iklabhu yokufunda?

Iiklabhu zokufunda ngamafutshane

- ★ Iklabhu yokufunda yindawo abantwana abaziyela ngokuzithandela kuyo ukuze bafike bonwabele iincwadi namabali apho. Akukho mntu unyanzelwayo ukuba aye kuyo – yinto umntu azikhethelayo ukuyenza.
- ★ Yindawo apho uyikelela umxakatho nephantse ifane nasekhaya kunasesikolweni.
- ★ Kulapho abantu abathanda amabali kunye neencwadi bahlangana khona rhoqo ukuze bafunde, babalise amabali baze bathethe malunga nezinto abazifundela abantwana babo ababudala bahlukileyo. Ngamanye amaxesha benza eminye imisetyenzana nemidlalwana yolonwabo enxulumene namabali kunye neencwadi. Kwaye kuqhele ukubakho nexesha lokuba amalungu eklabhu abhale ... kuba ukufunda nokubhala zizinto ezihamba kunye ezo.
- ★ Zonke ezi zinto zingenzeka nangaluphi na ulwimi – enyanisweni, iiklabhu ezininzi zibalisa, zifunde amabali ngeelwimi ezimbini okanye nangaphezulu!

Okunye malunga neeklabhu zokufunda

- ★ Iklabhu yokufunda ingayindawo yokufunda ukufunda ukuba awukwazi konke ukufunda okanye ibe yindawo yokuphucula ukufunda kwakho ukuba awufundi kakuhle kakhulu.

Khangela iinkcukacha ezithe vetshe malunga neeklabhu zokufunda kwicandelo elikhethekileyo leeKlabhu zokuFunda elikwiwebhusayithi yethu kunye nakwimobhisayithi yethu –
ku-www.nalibali.org
naku-www.nalibali.mobi.

- ★ Nabani na angazibandakanya: abantwana abasabhadazayo, abantwana ababugina, abo bafikisayo, oomama, ootata, oomakhulu nootatomkhulu, amavolontiya kunye nezinye nje iimpelesi.
- ★ Ezinye iiklabhu zinkulu kakhulu, kangangokuba zinabantwana abafikelela kuma-50 kunye namavolontiya angabantu abadala abahlanu ukuya kwabathandathu. Bahlanganela kwiindawo ezinkulu ezifana nasezikolweni, kumathala eencwadi nakumaziko oluntu. Ezinye iiklabhu zincinane, njengezo zinabantu abadala abasindlekela kumakhaya abo amaqela okufunda amancinane, anokuba ngabantwana nje aba-5 ukuya kwaba-6 abahlala kufuphi nabo, njengasebumelwaneni.
- ★ Iiklabhu ezininzi ziqhutywa ngabantu abadala, kodwa ezinye iiklabhu ziqaliswa ze ziqhutywe ngabantwana ababugina kunye nabo bafikisayo kumakhaya abo, okanye esikolweni ngexesha lesidlo sasemini okanye ukuphuma kwesikolo.
- ★ Amalungu eeklabhu xa zizonke ahlalana rhoqo – ubuncinane adibana kanye ngeveki. Iindibano zezinye iiklabhu zilawulwa ziinkqubo zabantwana zesiqhelo ekulandelwa zona ezicaweni, ezitempileni nakwiimoski, okanye iindibano ezo zibe yinxalenye yenkqubo yompeleso okanye eyogcino-bantwana ukuphuma kwesikolo. Kananjalo kukwakho neeklabhu ezijolise ezintsaneni kunye nabantwana abasabhadazayo kumathala eencwadi!



Indlela yokuqalisa iklabhu yokufunda

Unomdla wokuqala iklabhu yokufunda? Akukho ndlela inye ichanekileyo yokukwenza oku. Kufuneka wenze oko kulula kuwe ngoba ngaloo ndlela maninzi amathuba empumelelo kuwe ekugcineni nasekukhuliseni iklabhu yokufunda yakho! Nasi isikhokelo esinokuba luncedo kuwe.



★ **Ngubani?** Iklabhu zokufunda zihamba kakuhle xa ziqhutywa ngabantu abathanda amabali neencwadi nabafuna ukunceda abantwana bakhule bewathanda amabali nokufunda. Akukho mfuneko yokuba wena buqu ube nolwazi oluninzi ngamabali – uza kuzifundela ngehlabathi elimangalisayo lamabali abantwana ngokuthatha inxaxheba kwiklabhu leyo. Uninzi lweeklabhu zokufunda luqhutywa ngamavolontiya, ukutsho oko akukho ntlawulo yamali. Umvuzo wakho lulonwabo olufumanayo nokwaneliswa kukwenza utshintsho!

★ **Bangaphi?** Thatha isigqibo ngenani lamavolontiya onokuwafumana ukuze akuncede ngemisetyenzana yeklabhu yokufunda yakho. Sebenzisa oku ukuthatha isigqibo ngenani labantwana onokubathatha: abantwana abahlanu kumntu omdala ngamnye badla ngokusebenza kakuhle. Xa abantwana bembalwa kuba lula ukuthathela ingqalelo umntwana ngamnye. Kuhle ukuqala ngenani elincinci – nabantwana nje abahlanu kumntu omdala ngamnye yiklabhu yokufunda leyo. Ingakhula ke iklabhu yakho ngokuye lihamba ixesha, ukuba phofu uyafuna!

★ **Phi?** Iklabhu yokufunda ingaqhutyelwa naphi na apho kukho inzolo nokhuseleko – esikolweni, kwindawo yokunakekela abantwana emva kwesikolo, kwithala leencwadi, kwiholo yoluntu okanye ekliniki. Yiqalise emzini womntu okanye egaraji, kwiSikolo seCawe okanye kwimoski yakho okanye etempileni – naphi na apho kulula khona kuwe!

Ukuze ubhalise iklabhu yokufunda yakho kwisixokelelwano sakwaNal'ibali ze ibenokuxhamla kokuninzi, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.

★ **Nini?** Iklabhu yokufunda ingahlangana nangaliphi na ixesha eliyilungeleyo. Isenokuqhuba isiqingatha seyure, okanye iiyure ezimbini. Kuxhomekeke kuwe! Uninzi lweeklabhu zokufunda luhlala kanye ngeveki. Nisenokuhlangana nangaphezulu koko, kodwa kufuneka kungabikho ngaphantsi koko!

★ **Intoni?** Iklabhu yokufunda idinga nje indawo evulelekileyo yokudibanela. Ukuba nento eselwayo nedliwayo kuhle, xa imeko ivuma. Imiqamelo nezinto zokwandlala zihlalisa kamnandi kuneedesika nezitulo. Kodwa ukufunda kusenokwenzeka naphantsi komthi, engceni, okanye naphi na apho kulungileyo khona. Okona kubalulekileyo zizinto zokufunda ezisemgangathweni ukugcina wonke umntu enomdla – iincwadi ezinemifanekiso, iinoveli, iincwadi zolwazi, isihobe, iivesi, izicengcelezo neengoma, amaphephandaba neemagazini.



Into ekufuneka uyenzile kwiklabhu yokufunda

Ingaba udinga uncedo ngokuphathelele kwimisetiyenzana yeklabhu yokufunda? Khawufumane apha nazi ezinye zeengcebiso onokuzisebenzisa. Eminye yemisetiyenzana yenzeka kakuhle xesha ngalinye xa nithe nahlangana. Khetha kweminye imisetiyenzana ngokuxhomekeke kwindlela loo misetiyenzana engqamene ngayo neencwadi okanye amabali enabelana ngawo kuquka nobungakanani bexesha eninalo. Yitshintshe rhoqo ngeveki imisetiyenzana ukuze iindibano zeklabhu yokufunda yenu zihlale zintsha kwaye zinika umdla ukuze zibe nokubakhuthaza abantwana ukuba babekho rhoqo!

★ **Imidlalo neengoma:** Ezi ziindlela ezonwabisa zokuqalisa indibano. Fundisa abantwana imidlalo owawuyidlala neengoma owawuzicula usengumntwana, ungabalali ukudlala nezi bazaziyo kananjalo. Cula iingoma ngolwimi lwasekhaya lwabo bonke abantwana, kuquka nangezinye iilwimi.

★ **Ukufunda ngokuvakalayo nokubalisa amabali:** Funda ngokuvakalayo uze ubalise ibali kwindibano nganye ukuze nabelane ngezehlo nangamava angafumanekiyo ncam kubomi bemihla ngemihla. Abantwana baza kuzonwabela kwaye bazithakazelele izihloko ezitsha, nto leyo iza kubenza babe nomdla wokufunda ... kwaye nesigama sabo siza kukhula naso!


★ **Ukufunda kunye nokuzifundela uwedwa:** Bavumele abo bantwana sele bekwazi ukufunda ukuba babelane ngeencwadi kumaqela amancinci nakwabo basebenza ngababini. Banakho nokufundela abanye abangekakwazi ukufunda apha kwiklabhu yokufunda. Ngenelela ngokukhuthaza umntwana akufundele okanye afundele iqela elincinci labantwana. Ngamanye amaxesha mvumele umntwana ukuba achithe ixesha eyedwa kunye nencwadi, efundela ngaphakathi okanye ejonge emifanekisweni okanye ebalisa ibali elilelakhe. Ukuchitha ixesha neencwadi ngolu hlobo kunceda ekukhuthazeni abantwana bakhethe baze babelane ngeencwadi abanomdla wazo.

★ **Ukuthetha ngeencwadi:** Abantwana bazise ngeencwadi ezintsha ngokubabonisa zona nokubanika amagqabantshintshi ngeencwadi nganye ukuze bazive bethakazelela ukuzazi nokuba nomdla wokuzifunda ezo ncwadi.



★ **Ukubhala:** Abantwana banike amathuba ohlukileyo okubhala. Bangazenzela ezabo iincwadi ukuze bazifundele zona okanye babelane nabanye; okanye babhale ngeencwadi abasele bezifundile, okanye benzele izihlobo neentsapho amakhadi emibuliso. Nika abantwana abangekabi nakuzithemba ekubhaleni ngokunokwabo uncedo ngokuthi ubhale phantsi oko bakuxelela kona.

★ **Ubuchule, ubugcisa nedrama:** Bakhuthaze abantwana ekupeyinteni nasekuzobeni imifanekiso, yenza oonopopi nezinye izinto ezingqamene nebali olifundileyo okanye olibalisileyo. Kungenjalo, unganika abantwana ithuba balingise okanye benze umdlalwana webali elo.



Ndwendwela ikhasi lethu likaFacebook (ku-www.facebook.com/nalibaliSA) yonke imihla ukuze ufumane ngakumbi ngokuvuselelwa kweklabhu yokufunda kunye neengcebiso ngemisetiyenzana – okanye yabelana nathi ngeengcinga zakho!

Indlela yokufumana imithombo yokufunda

Abantwana bakufunda ukufunda okubhaliweyo ngokufunda! Nje ukuba imbewu yokufunda ityalwe, kufuneka usoloko uyinkcenkceshela ukuze uthando lwabo lokufunda lukhule kwaye lomelele. Oku kuthetha ukuqinisekisa ukuba iklabhu yokufunda yenu ineencwadi ezininzi nezinomdla abayakuthanda ukuzifunda abantwana. Nazi ezinye iingcebiso ezinokukunceda wenze oku.



1. Thenga iincwadi

Ququzelela iziyunguma ezifana nebrayi okanye uthengise ikeyiki, ngeenjongo zokwenyusa ingxowamali yokuthenga iincwadi zeklabhu yakho. Emva koko ke, jonga iincwadi ezifikelelekayo kwiivenkile ezinamaxabiso aphantsi, iivenkile ezithengisa iincwadi esele zisetyenzisiwe kunye nakwiintengiso-zincwadi eziqhutywa yimibutho yesisa.

2. Boleka iincwadi

Ithala lakho leencwadi lasekuhlaleni okanye lasesikolweni ngumthombo obalulekileyo wokufundwayo kwasimahla. Thetha nawo onke amalungu namavolontiya eklabhu yokufunda yakho ukuba babhalisele ubulungu kwithala leencwadi ukuze nikwazi ukuboleka iincwadi ezininzi ezahlukeyo.

3. Fumana izipho eziziincwadi

Cela amalungu eklabhu yokufunda yakho ukuba elowo azise isipho esiyincwadi kwiklabhu yokufunda ngosuku lwakhe lokuzalwa.

4. Amaphulo okuqokelela iincwadi

Cela zonke izikolo okanye iicawe ezikummandla wakho ukuba ziqokelelele iklabhu yakho yokufunda iincwadi. Khumbula ukuqinisekisa ukuba zonke iincwadi oziphiweyo zibafanele abantwana beklabhu yakho yokufunda!

5. Fumana uhlelo lwephephandaba lukaNa'ibali

Zenzele ezakho iincwadi ezibhalwe ngeelwimi ezimbini usebenzisa iincwadi onokuzisika-ze-uzigcine ezikwiintlelo zikaNa'ibali ezifumaneka kumaphephandaba. Sika amabali amade akwicandelo "leNdawo yamaBali".

Wancamathisele kuxwebhu olukhulu

lwekhadibhodi. Wagqume ngeplastiki nje okanye iplastiki encamatheleyo ukuze akhuseleke.

6. Fumana amabali simahla

Ndwendwela iwebhusayithi apho unokukopa amabali abantwana kunye nawabafikisayo. UNa'ibali (www.nalibali.org, www.nalibali.mobi), uBookdash (www.bookdash.org) kunye no-African Storybook (www.africanstorybook.org) baneencwadi ezininzi ezahlukeyo kunye namabali abantwana angeelwimi ezahlukeyo nonokuwakopa uze uwaprinte (okanye uwafunde ku-intanethi ekhompuyutheni) simahla. UFundza (www.fundza.co.za, www.live.fundza.mobi) unikezela simahla ngamabali amnandi nanomdla kwabafikisayo ngeeselula zabo.

7. Yiba ngumbhali wamabali

Bhalela abantwana bakho amabali, amanye kuwo uwabhala kunye nabo. Abantwana bangumthombo othethayo nophilayo, ngenxa yamabali abo anobutyebi nalindele nje ukubaliswa, ukubhalwa kunye nokufundwa.

8. Yiba ngumzingeli wamabali

Khangela amabali ocinga ukuba anganomdla kumalungu eklabhu yokufunda yakho kumaphephandaba neemagazini. Wasike uze uwasebenzisele ukwenza amakhadi amabali.

Abantwana abakuthandayo ukufunda ngabakhuthazekileyo ukuba bafunde kwaye bangabafundi abazithembileyo nabangcono kakhulu kunabantwana abangakuthandiyo ukufunda

Ivela kwiProgress in International Reading Literacy Study (PIRLS), 2011



Ukuyokozelisa indawo enikuyo ngokuprintiweyo



Kungakanani okuprintiweyo okungqonge abantwana bakho? Ingaba babona iimpawu, izaziso, iintengiso, iipowusta, iincwadi, iileta, ii-imeyile, amaphephandaba kunye neemagazini kokubangqongileyo njengokuba beqhuba nobomi babo bemihla ngemihla? Khona, ingaba ezi zinto zibhalwe ngeelwimi ezingaphi?

Abantwana bakufunda lula ukufunda xa bengqongwe kokuprintiweyo kuba indawo esingqongileyo neyokozela kokuprintiweyo ibonisa abantwana indlela ekusetyenziswa ngayo ukufunda nokubhala kwanezinto ekusetyenziswa kuzo. Nazi iingcebiso ezintandathu ezinokukunceda ekwenzeni iklabhu yakho yokufunda ibe yindawo eyokozela kokuprintiweyo.

1. Yenza iipowusta

Cinga ngezinto abanomdla kuzo abantwana abandwendwela iklabhu yokufunda yakho uze wenze ezakho iipowusta ngaloo mixholo banomdla kuyo. Zoba eyakho imifanekiso okanye sebenzisa leyo iphuma kumaphephandaba nakwiimagazini. Emva koko gqibezela le powusta ngokubhala ingcaciso, iintetho-zaziso ezimfutshane okanye imiyalezo ngolwimi olunye okanye ngeelwimi ezininzi. Zibonise ezi powusta ngokuzixhoma apho kulula khona ukuba abantwana bazifunde kwaye zitshintshatshintshe rhoqo ukuze abantwana bagcinakale benomdla!

2. Yenza iipowusta zezicengcelezo, ezeengoma kunye nezeerayi-rayi

Bhala izicengcelezo, iingoma kunye nerayi-rayi ngeelwimi ezahlukeyo kumaxwebhu amakhulu ephepha. Cela abantwana namalungu eentsapho zabo ukuba bacebise uze ke usebenzise nezo uzaziyo nawe.

Chithani ixesha kunye nabantwana nisenza ezi zicengcelezo okanye ezi rayi-rayi, ze nicule nezi ngoma – khumbula ukuwolatha amagama njengokuba kufundwa okanye kuculwa. Khuthaza abantwana ukuba baziphindaphinde ukuzifunda ezi powusta ngokwabo bebodwa okanye bekunye nabahlobo babo. Ukuba bayafuna, bavumele abantwana ukuba bazikopele iipowusta ukuze bazenzele ezabo ezincinane nabaya kugoduka nazo ukuze babelane ngazo neentsapho zabo.

3. Yenza umtya wokuxhoma oonobumba be-alfabhethi

Ukanye nabantwana bakho, bhala oonobumba be-alfabethi kumaphepha ohlukeneyo, ze uzobe umfanekiso ohambelana nonobumba ngamnye. (Abantwana bayakuthanda ukuzoba imifanekiso yabo enokuhambelana noonobumba bokuqala kumagama abo!) Xhoma umtya osuka kwelinye icala legumbi

uye kwelinye uze uxhome oonobumba, ngohlobo abalandelelana ngalo kwi-alfabhethi, usebenzisa oonominxa-mpahla.

4. Makuphuphume okuprintiweyo

Qokelela iintlobo ezahlukeyo zokuprintiweyo nocinga ukuba abantwana bakho banganomdla kuzo. Zama ukufumana iimenyu zokutya okuthengwa sele kulungele ukutyiwa, amakhadi emibuliso amadala, izicwangciso-maxesha zoololiwe nezeebhasi, amaphetshana anika iinkcukacha, amaphepha-ntengiso, amaphephandaba kunye neemagazini. Abantwana bangakonwabela ukufunda ezinye zezi zinto, kodwa bangazisebenzisa njengezinto zokuncedisa xa belingisa imidlalo yeqonga esekelwe emabalini, okanye basenokusika kuzo xa bezenzela awabo amakhadi, iipowusta, imifanekiso okanye iincwadi.

5. Lisebenzise ithala leencwadi

Boleka iincwadi kwithala lakho leencwadi – lingumthombo ongatshiyo weencwadi zokufunda zasimahla! Khumbuza abantwana malunga nendlela yokukhathalela iincwadi ukuze zonwatyelwe nangabanye abantwana abaninzi abeza emva kwabo!

6. Yiba ngumzekelo

Bafunde kwaye ufunde kunye nabo abantwana. Ncokola malunga neyakho imikhwa yokufunda – izinto ozifundayo, iindawo othanda ukufunda kuzo, amagama abona babhali obathandayo nezizathu ezibangela ukuba ubathande. Kananjalo ungababhalela abantwana kwaye futhi uphinde ubhale kunye nabo.

Xa ukufunda kuvakala kumnandi ebantwaneni, loo nto ibenza abafundi. Sonke siyaziphindaphinda izinto ezisiyolisayo.

NgJohn Monfredo

Nxibelelana noNaI'ibali

Yiba yinxalenye yesixokelelwano sikaNaI'ibali uze usebenzise amandla amabali ukuvuselela abantwana ukuba bafune ukufunda nokubhala.

Ndwendwela amaqonga ethu ahlukileyo aqulethe imithombo kunye neengcebiso zokufundela ukuzonwabisa, ze ufumane namabali abantwana afumaneka ngeelwimi ezili-11.

Iintlelo zikaNaI'ibali

Fumana uhlelo lwakho lokufundela-ukuzonwabisa olubhalwe ngeelwimi ezimbini kwiphephandaba leSowetan, iSunday Times Express, iDaily Dispatch kunye neThe Herald. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org.



UNaI'ibali kunomathotholo

Phulaphula iinkqubo zikaNaI'ibali kunomathotholo kwizikhululo zosasazo zikawonkewonke kwijelo losasazo leSABC, uze wonwabele amabali abantwana ngazo zoli-11 iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika! Ndwendwela ku-www.nalibali.org ukuze ufumane **isicwangciso seentsuku namaxesha akunomathotholo** ngawo uNaI'ibali.

www.nalibali.org

Ndwendwela **iwebhusayithi** kaNaI'ibali ukuze ufumane simahla amaxwebhu eengcebiso, iiblog zelitheresi, iingcebiso ngokufunda kunye namabali abantwana.

www.nalibali.mobi

Fumana iingcebiso ngokubalisa amabali kunye nokufunda, inkxaso yeeklabhu zokufunda kwakunye namabali angeelwimi ezili-11 zaseMzantsi Afrika – **kwiselula** yakho!



Imidiya Yokuncokola

Joyina incoko eku**Facebook** uze usilandele ku**Twitter** naku**Instagram** ukuze ufumane iingcebiso nezihlaziyiweyo ezikhuthazayo ngokufundela ukuzonwabisa, izaziso kunye nokhuphiswano. Unokundwendwela ijelo lethu losasazo lika**YouTube** ku-www.youtube.com/user/TheNalibaliChannel ukuze ufumane iingcebiso eziluncedo zeklabhu yokufunda.



Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:  www.nalibali.org  www.nalibali.mobi

 nalibaliSA  @nalibaliSA  @nalibaliSA  info@nalibali.org

